

**URhulumente wePhondo leNtshona Koloni  
UNondyebo wePhondo**

**IsiCwangciso soQhutyo-msebenzi  
soNyaka**

**2011/12 – 2013/14**



PR25/2011  
ISBN: 978-0-621-39893-9

*To obtain additional copies of this document please contact*

Western Cape Provincial Treasury  
Directorate Financial Management  
Private Bag X9165  
4 Dorp Street  
CAPE TOWN  
Tel. (021) 483-8218  
Fax (021) 483-5773  
e-mail [tmahlaba@pgwc.gov.za](mailto:tmahlaba@pgwc.gov.za)

*Om addisionele afskrifte van hierdie dokument te bekom tree in verbinding met*

Wes-Kaapse Provinciale Tesourie  
Direktoraat Finansiële Bestuur  
Privaatsak X9165  
Dorpstraat 4  
KAAPSTAD  
Tel. (021) 483-8218  
Fax (021) 483-5773  
e-mail [tmahlaba@pgwc.gov.za](mailto:tmahlaba@pgwc.gov.za)

*likopi zolu xwebhu ungazifumana ngokuqhagamshelana ne*

Western Cape Provincial Treasury  
Directorate Financial Management  
Private Bag X9165  
4 Dorp Street  
CAPE TOWN  
Fax (021) 483-8218  
Fax (021) 483-5773  
e-mail [tmahlaba@pgwc.gov.za](mailto:tmahlaba@pgwc.gov.za)

# Ingabulazigcawu

Eyona njongo iphambili yeshumi elinesibini kambe neyona inkulu yalo Rhulumente wePhondo kukwakha oyena rhulumente wenqila ulawulwa ngendlela ehlabathini. Kuthi ke lo mbono uthetha ngolawulo olungenarhwaphilizo noluzimali zingenachaphaza. UNondyebo wePhondo licandelo eliphambili kulawo achaphazeleka ekuphunyezweni kwale njongo, kwaye ngowama-2011/12 siye sawudlela amathambo entloko lo mcimbi kambe sasebenzisa uhlahllo Iwabiwo-mali Iwethu ngokuthi sixhase iinkqubo eziya kuphakamisa umgangatho wobuchule bethu, impumelelo yethu ndawonye nenkathalo yethu.

Kulo uphelileyo unyaka, uNondyebo wePhondo uye wakhokela amasebe eNtshona Koloni ekubeni neengxelo zophicotho ezingama-25 ezingenachaphaza. Ngokwenza njalo, asixhomanga mgangatho kuphela ngokubhekiselele kwiinkqubo zophicotho zexesha elizayo koko oko sikwenzele neziinye iingxelo zophicotho zamaphondo.

Ngako oko, isicwangciso-msebenzi salo nyaka sjolise ekubeni uNondyebo wePhondo aphakamise umgangatho wokubeka iliso kwimicimbi yala masebe aseburhulumenteni nawoomasipala kweli leNtshona Koloni. Eyona nto ingundoqo eya kusisa kwimpumelelo ngokubhekiselele kulawulo Iwethu Iwezimali yintsebenziswano esiyizuza kumagosa eengxelo nakumagosa aziintloko zezimali zala maqumrhu. Siya kusoloko sibeke ithemba ekubeni nokwakha ubudlelwane obakhayo esiye sabudala kule minyaka imbalwa idlulileyo, ukuze sibenokuwunyusa nangakumbi umgangatho wobungcathu kwezezimali kunyaka wama-2011/12.

UNondyebo wePhondo, kambe uphindile wahlahla indlela eza kuhanjwa kulo nyaka, mhlahlandlela lowo uya kuthanda ukubangumqantsa onokuphunyelwa ke phofu. Kwiinzame zethu zokuba zintshatsheli, igqizana lethu liya kusebenzisa uhlahllo Iwabiwo-mali Iwethu oluzizgidi ezili-R148.976 ngenjongo yokuba isebe ngalinye, kanti ukuba kuya lunga, nomasipala ngamnye imali zabo bazichithele ukuqinisekisa ukuba uluntu IweNtshona Koloni bazuza ezona nkondo zakha zabangcono.

Ndikungxamele ukubhiyozela impumelelo yexesha elizayo yeli sebe kananjalo ndisithi makudedede ubumnyama kuvele ukukhanya kwigqiza elisebenza kwicandelo loNondyebo wePhondo kwindlela yalo esingise empumelelweni kulo nyaka.



**ALAN WINDE**

**UMPHATHISWA WEZEZIMALI, UPHUHLISO LWEZOQOQSHO NEZOKHENKETHO**

# USAYINO NGOKUSESIKWENI

Ngolu xwebhu kunikwa isiqinisekiso sokuba esi siCwangciso soQhutyo-msebenzi soNyaka

- Saqulunqwa ngabaphethayo kwicandelo likaNondyebo wePhondo leNtshona Koloni phantsi kweso likaMphathiswa uAlan Winde.
- Saqulunqwa ngokwemimiselo yesiCwangciso-qhinga secandelo likaNondyebo wePhondo leNtshona Koloni.
- Siycacisa ngokuchanekileyo imimiselo yoqhutyo-msebenzi uNondyebo wePhondo leNtshona Koloni aza kuzama ukuyiphumeza ngomyinge okhoyo kuhlahlo Iwabiwomali lonyaka wama-2011/12.

**A Gildenhuys (Mnu)**

**IGosa leZimali eliyiNtloko**

**Umsayino** \_\_\_\_\_

**J C Stegmann (Gqr)**

**IGosa leeNgxelo**

**Umsayino** \_\_\_\_\_

**Luvunywe ngu:**

**A Winde (Mnu)**

**Abasemagunyen'i**

**Umsayino** \_\_\_\_\_

# IsiQulatho

## ISIGABA A: INGX ELO EPHAMBILI

1.	Uhlaziyo lwengcalulo yemeko	1
1.1	Ukwakha umoya wokusebenza	2
1.2	Indawo ekusetyenzwa kuyo	3
1.3	Ilinjongo zesicwangciso-qhingga sesebe	4
1.4	Inkazo yenqubo yocwangciso-qhingga	7
1.5	Ulungiso kuwiso-mthetho namanye amagunya	11
2.	Ingxelo ngohlahllo lwabiwo-mali luka-2011 noqikelelo lwe-MTEF	12
2.1	Uqikelelo lwenkcitho	12
2.2	Ukwayanyaniswa kweendlela zokuchitha imali neenjongo eziphambili	13

## ISIGABA B: IZICWANGCISO ZEENKQUBO NEZEENKQUTYANA

3.	Inkqubo 1 - Ulawulo	15
4.	Inkqubo 2 – Ulawulo oluzinzileyo lwezincedisi	32
5.	Inkqubo 3 – Ulawulo lweeAsethi namaTyala	59
6.	Inkqubo 4 – Ulawulo lweZimali	73

## ISIGABA C: UNXIBELELWANO NEZINYE IZICWANGCISO

7.	Unxibelewano nezicwangciso sethaba elide sezincedisi-nkqubela kunye nezinye izicwangciso zekapitali	91
8.	ligranti ezimiselwe imiqathango	91
9.	Amaqumrhu oluNtu	91
10.	Ubambiswano phakathi kwecandelo laseburhulumenteni necandelo labucala	91
11.	IsiHlomelo E (Ingcaciso yezalathi zobugcisa)	91

# lintshunqulelo-magama

Abet	Adult Basic Education and Training (Imfundo yabaqalayo noqequesho lwabadal)
AC	Audit Committee
ACFS	liNgxelo-mali zoNyaka eziQukanisiwego
ADP	Accelerated Development Programme
AFR	Asset Financing Reserve
AFS	liNgxelo-mali zoNyaka
AGSA	Auditor-General of South Africa
AO	IGosa leeNgxelo
APP	IsiCwangciso soQhutyo-msebenzi soNyaka
ASGISA	Accelerate and Shared Growth Initiative of SA
ASB	Accounting Standards Board
BAS	Basic Accounting System
BBBEE	Broad Based Black Economic Empowerment
BEE	Black Economic Empowerment
BER	Bureau for Economic Research
BI	Business Intelligence
BIF	Business Insight Folder
BPO	Business Process Outsourcing
BS	Budget Statement
BTO	Budget Treasury Office
C-AMP	Custodian-Asset Management Plans
CASIDRA	Cape Agency for Sustainable Development in Rural Areas
Cel	Centre for e-Innovation
CFO	IGosa leZimali eliyiNtloko
CG	Conditional grant
CIDB	Construction Industry Development Programme
CPD	Corporation for Public Deposits
CSC	Corporate Services Centre
DBAC	Departmental Bid and Adjudication Committee
DBSA	Development Bank of Southern Africa
DDG	Deputy Director General
DLGH	Department of Local Government and Housing
DORA	UmThe tho wokwAbiwa kweziMali
DoTP	Department of The Premier
DPWT	Department of Public Works and Transport

---

EA	Uhlalutyo Iwezoqoqosho
EDU	Economic Development Unit
EEP	Employment Equity Plan
EOC	Employer of Choice
EPS	Electronic Purchasing System
EPWP	Expanded Public Works Programme
ERA	Enterprise Risk Assessor
ERM	Enterprise Risk Management
FARMCO	Fraud and Risk Management Committee
FET	Further Education Training
FETC	Further Education and Training Certificate
FGRO	Financial Governance Review and Outlook
FMCM	Financial Maturity Capability Model
FMIP	Financial Management Improvement Plan
FMS	Financial Management System
GAMAP	Generally Accepted Municipal Accounting Practice
GDPR	Gross Domestic Product per Region
GEPF	Government Employees Pension Fund
GIAMA	Government-wide Immoveable Asset Management Act
GRAP	Generally Recognised Accounting Practice
HDI	Historically Disadvantaged Individual
HOD	Head of Department
HOT	Head Official Treasury
HR	Human Resource
HRD	Human Resource Development
HRDS	Human Resource Development Strategy
HRM	Human Resource Management
HSRC	Human Sciences Research Council
IA	UPhicotho IwaNgaphakathi
ICS	Improvement in Conditions of Service
ICT	Information Communication Technology
IDIP	Infrastructure Delivery Improvement Programme
IDMS	Infrastructure Development Management System
IDP	Infrastructure Delivery Plan
IDP	Integrated Development Plans
IDP	Individual Development Plans
IE	iKapa Elihlumayo
IFMS	Integrated Financial Management System
IFS	Interim Financial Statements

IGCC	Intergovernmental Cash Co-ordination
IGR	Inter-Governmental Relations
IIA	Institute for Internal Auditors
IMFO	Institute of Municipal Finance Offices
IMLC	Institutional Management and Labour Committee
IPMU	Infrastructure Programme Management Unit
IT	Iteknoloji yengcaciso
IYM	In-Year Monitoring
LED	Local Economic Development
LG	OoRhulumente beeNgingqi
LG MTEC	Local Government – Medium Term Expenditure Committee
LOGIS	Logistical Information System
MEC	Member of Executive Council
MEDS	Micro Economic Development Strategy
MEDSAS	Medical Stores Administration System
MFMA	UmThetho wokuPhathwa kweeMali zooMasipala, 2003 (UmThetho 56 ka-2003)
ML	Management Letters
MLO	Media Liaison Officer
MPSA	Minister of Public Service and Administration
MSP	Master Systems Plan
MTBPS	Medium Term Budget Policy Statement
MTEC	Medium Term Expenditure Committee
MTEF	Medium Term Expenditure Framework
MTFF	Medium Term Fiscal Framework
MTREF	Medium Term Revenue Expenditure Framework
NMIR	National Minimum Information Requirements
NT	National Treasury
NTR	National Treasury Regulations
OD	Organisational Development
PDC	Provincial Development Council
PERSAL	Personnel and Salary Administration System
PER&O	Provincial Economic Review and Outlook
PES	Provincial Equitable Share
PFMA	Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999)
PG	Urhulumente wePhondo
PGDS	Provincial Growth and Development Strategy
PGWC	URhulumente wePhondo leNtshona Koloni
Uphawu	Performance Indicator
PMDS	Performance Management Development System

---

PMF	Performance Management Frameworks
PMI	Performance Measure Indicator
PMU	Programme Management Unit
PPP	Public Private Partnership
PPPFA	Preferential Procurement Policy Framework Act
PPSC	Provincial Portfolio Steering Committee
PSCBC	Public Service Commission Bargaining Council
PSDF	Provincial Spatial Development Framework
PT	Provincial Treasury Forum
PTF	Provincial Treasury Forum
PTI	Provincial Treasury Instructions
PTM	Provincial Treasury Management
PTRPA	Provincial Tax Regulation Process Act
QPR	Quarterly Performance Report
REAL	Revenue, Expenditure, Assets, and Liabilities
RFP	Request for Proposal
RFQ	Request for price Quotations
SAQA	South African Qualification Authority
SARS	South African Revenue Services
SCM	Supply Chain Management
SCoA	Standard Chart of Accounts
SCOF	Standing Committee on Finance
SCOPA	Standing Committee on Public Accounts
SDBIP	Service Delivery Budget Implementation Plan
SDR	Service Delivery Review
SEP	Socio-Economic Profile
SER	Socio-economic Review
SETA	Sector Education and Training Authority
SIP	Strategic Infrastructure Plan
SITA	State Information Technology Agency
SLA	Service Level Agreement
SME	Small and Medium Enterprises
SMME	Small Medium and Micro Enterprise
SMS	Senior Management Service
SPMS	Staff Performance Management System
SOP	Standard Operating Procedure
TCF	Technical Committee on Finance
TCO	Total Cost of Ownership
TELKOM	Telecommunication

TMM	Treasury Management Meeting
TQM	Total Quality Management
U-AMP	User-Asset Management Plans
URS	User Requirement Statement
WCED	ISebe lezeMfundo eNtshona Koloni
WCGRB	IBhodi yeNtshona Koloni yoNgcakazo nemiDyarho
WC-MTBPS	Western Cape Medium Term Budget Policy Statement
WCSD	Western Cape Supplier Database
WSP	Workplace Skills Plan

## ISIGABA A: INGXELO-JIKELELE EPHAMBILI

### 1. Uhlaziyo Iwengcalulo yemeko

Utyalo nendalo jikelele lohlala lunjalo njengokuba licaciswe nangakumbi kwisicwangciso-qhinga sika2010/11 - 2014/15 (SP), Nakuba, kukho ukuzimisela nokungxamiseka ngurhulumente ekujongeni iingxaki nemiceli-mngeni ekhungethe ukufikelela kwiinguqu ezisabaleleyo kwezentlalo noqoqosho neziluncedo kuwo wonke umntu.

Umba ophambili ekufikeleleni kwiinjongo okanye kwiziphumo ezikhankanyiweyo zikazwelonke nezephondo zingafunyanwa kulawulo oluphuculwego lwezoqoqosho, kuba oko akungephuculi inkcitho elingeneyo nokuqokelewa kwengeniso, kodwa kungalunikezelo oluphambili oluqinikekisa ukuba imithombo isetyenziswa ngendlela engcono.

Eli phondo liqhube kakuhle kakhulu kunyaaka-mali odlulileyo ekuphuculeni ulawulo kwezimali ngako oko lwakhe isiseko esihle sexesha elizayo. Nakuba, oku kungafunyanwanga bumini kwaye, ngokufanayo, kungasayi kuba lula nakanjalo ukuphucula, kuba kudinga budinga ukuzinikela nobunkokheli obuzibophelelayo bamagosa angabacwancigi-zimali abasemagunyeni, namagosa aziintloko nabo bonke abasebenzi ukuba banyukele kumgangatho ophezulu. Ibhongo, kodwa eliyinjongo efikelelekayo emva kwexesha sele limisiwe njengyena rhulumente wephondo ulawulwa kakuhle ngokwemilinganiso yamazwe ngamazwe.

Ngoko ke unyaka ka-2011/12 ubonisca impucuko ekuphumezeni iinjongo ezikhankanyiweyo ezingaenakufikeleka kungekho, kwelinje icala, ukwakhiwa nangakumbi kobuchule nesakhono, ze kwelinje, kwakhiwe ubuqabane obuluqilima namasebe, noomasipala namasebe kazwelonke, ngakumbi isebe lezezimali kuzwelonke.

Ukunika ingcaciso nokuqhubekekwa, umbono, imishini neenqobo ezisemgangathweni zeSebe Lezezimali ziphindwe zadweliswha ngezantsi:

#### **Umbono**

Iarhente yotshintsho ekwabiweni kwezincedisi neendlela ezietyenziswayo ukulandela ukuhlisa ngokumisiweyo kokungalingani ngokwentlalo nangokwezoqoqosho.

#### **Umnqophiso**

Ukfumana iindlela zoxhaso ngokwezimali nokukhuthaza ukusetyenziswa ngokupheleleyo kwemithombo yolawulo olululo.

## **lindlela zokuziphatha**

Isebe leZezimali kwiPhondo lizingca ngezi nqobo zilandelayo:

- Ukunika intsingiselo kwiindlela yokuziphatha kwinkonzo yoluntu phumeza.
- Ukunika inkonzo yokuphucula abantu.
- Ukuba ngumsebenzi oyiqwalaselayo imiba yokulingana ngokwengqesho.
- Ukuvundla, nokuhlwayela intlonipho kwiindidi ngeendidi zelizwe lethu.
- Ukukhuthaza ukuhlomla kwabo bonke abantu beNtshona Koloni.

### **1.1 Ukwakha umoya wokusebenza**

Umda woxanduva IweSebe leZezimali uguuke ngobugxathu kule minyaka ili-15-16 idlulileyo ngokwandisa ubandakanyeko kwimicimbi yorhulumente wasekhaya noxanduva olwandisiweyo lomiso nophuculo lokuphathwa kwemali karhulumente nkusebenza ngobulumko phakathi kwamasebe namaqumrhu. Ngonyaka omnye osele udlule kule mihihanu yomjikelo wokusebenza iSebe leZimali ePhondweni liya kwakhela phezu kokusele kwakhiwe ngakumbi kwiinzame zokuphumeza iinjongo eziphezulu zonikezeloo lweenkonzo phakathi kwamasebe karhulumente, amaqumrhu noomasipala.

Imigangatho emisiweyo yonikezeloo kule minyaka mine izayo xa ihangeneyo inika imiceli-mngeni kwaye amasebe amabini onikezeloo **kwizimali, isebe leMali noQoqosho nelophatho lolawulo neeAsethi** kuNondyebo wePhondo kuza kufuneka lihlale libeke umgqaliselo walo kwiinjongo zeNgcaciso-qhingga nezamiselwa kwi-SP ka-2010/11 - 2014/15.

KwiSebe **IweNgcalulo yeMali noQoqosho** oku kuthetha ukufumana indlela esebezayo nenobuchule yokwenza, ukuqokelela, ukwaba nokusebenzia ingeniso kuwo onke amacandelo asekarya nawephondo, oku asingomsebenzi olula ukuphumezwa kungakhathaliseki nokuba usebenzia ziphina izixhobo zomlinganiso. Okuphambili kuya kuba kukuqulungqa iibhajethi zikarhulumente, zikamasipala nezamaqumrhu eziza kuncedisa ngokubonakalayo ekuphuculen iziphumo kwezentlalo noqoqosho.

KwiSebe **loPhatho lolawulo neeAsethi** kuza kuqhutyekwa nokuphakamisa umqobo kwimigangatho yolawulo localulo-mali nezimali nokualisa ngamanyathelo anenjongo nangakhokelela ekulungiseni ngokuzeleyo idata, nokuthotywa ngokupheleleyo ukungalungelelani nenkohlakalo nophicotho-zincwadi olungenamakhwiniba phakathi kwamasebe, amaqumrhu noomasipala. Okuphambili kwezi kuya kuba luhuhliso nokungeniswa kolawulo oludingekayo lwangaphakathi, ukuzivavanya nokuphuculwa kwezakhono phakathi kwamagosa

aziintloko kwezezimali kuze nakubaphicothi-zincwadi, kubanikezeli nakubasebenzi abalawula iiasethi zaho onke amasebe.

## 1.2 Indawo ekusetyenzwa kuyo

Kunyaka-mali ka- 2010/11 iinzame ezininzi ezasele ziqalisiwe ngo-2009/10 zenziwa. Iziganeko ezimbini ezizintloko ezachaphazela eli Sebe ngo-2010/11 yaba kukushenxa kweeyunithi ekwabelwana ngayo yoPhicotho-zincwadi yangaphakathi yePhondo neyunithi yoLawulo Iwabasebenzi (iHRM) kunye nezamanye amasebe alishumi zasiwa kwiZiko LeeNkonzo (iCorporate Services Centre (CSC) kwiSebe leNkulumbuso.

Ngaxeshanye noku, iiSebe leZimali nalo lalikwibakala lokuqukumbela inkqubo yalo yokwakheka neyavela ngenxa yeenguqu kwindawo yokusebenza, izinyaneliso ezintsha nokwakha isiseko esiluqilima esakuhlala iminyaka eminzi sivumela ingqikelelo eyiyo yeenkonzo ye0fisi yeMali ekwimigangatho ephezulu. Amacandelo aqjela alungiswa okanye kwakhiwa amatsha ukuphucula ukusebenza ngaphakathi nokuhlangabezana izinyaneliso eziqhubeckayo neziguqukayo, kkwimisebenzi eyayamene nabo kwicala likamasipala nokulawula ulwazi ngendlela engcono.

Ngaphezu koko, iinguqu ezazisa yinkqubo yamaqumrhu amaphondo nayo yaba nempembelelo kwiOfisi yeNtloko yeSebe njengetya lokuqhubekayo kwiziko leenkonzo zabasebenzi (HR), zolungelelwano, zolawlo nezequmrhu kufuneka zenziwe njengohlobo Iweyunithi encinane yezoBudlelwane baBathengi. Ezi yunithi ze zamasebe athile zaye zinikwa inkxaso ngokwezimali evele kulondolozo Iwenqubo yequmrhu. Iziphumo zezi nzame neenjongo ziza thoba misa inani labasebenzi kwiSebe lisuka kuma-355 liye kuma-312 okanye liza kuhla ngama-47 abasebenzi.

Icandelo loLawulo IweeNgozi nalo lashenxiswa lasiwa kwiZiko leeNkonzo zeQumrhu, kodwa kwadluliselwa igosa lalinje kuphela. Imisebenzi yeKomiti ejongene neeNgozi noRhwaphilizo yaqhubeka nazo zonke iingozi kumsebenzi nakwizicwangciso-qhinga zifakwa kuvavanyo zize ziguquellewe kwimatriksi yeeNgozi.

Ngaphakathi kwiSebe loLawulo IweZimali iinguqu ezithile zeenziwa ekwakufuneka ziphunyeziwe ngo-2011/12. Ezi nguqu ziakwa ukushenxiswa kolawulo Iwamaxwebhu nezinye iinkonzo ezincedisayo zasiwa kweli Sebe: **uHlaziyo IweZimali noQoqosh**, ngelixa iinkonzo ezincedisayo eziseleyo zafakwa kwi-SCM-Unit necandelo lolawulo Iwangaphakathi neleeNgozi ladityaniswa laba licandelo elinenjongo nangakumbi. Kunyaka-mali ka-2011/12 nokudlula, imisebenzi encedisayo yolawulo IweZimali aiza kugqalisela ekuphuculen iinkonzo zayo kuMphathiswa, kwiNtloko yeSebe, kuBaphathi beSebe nabasebenzi babo. ISebe liceba ukuphucula umgangatho walo wokusebeniza imali de ufikelele kwimigangathi emiswe kwangaphambili ngabo bonke ababandakanyekayo.

### 1.3 Iinjongo zesicwangciso-qhinga sesebe

Iinjongo zesicwangciso-qhinga seSebe zalungiswa zaza zacwangciswa ngokutsha ngenxa yolungiselelo Iwangaphakathi nekwakuse kumbovu ukuba liquunkunjelwe ngo-2010/11. Ukuqukumbela oku iinjongo zidweliswe apha ngezantsi kwaye ziza kushicilelwā kwiwebhusayidi yeOfisi kaNondyebo wePhondo <http://www.capecateway.gov.za>

#### INkubo 1

<b>Ummiselo ophambili 1</b>	Ukuncedisa ilungu lebhunga lesiGqeba esilawulayo neNtloko yesebe ngokuqhutywa kwemisebeni abayinikiwego.
<b>Ingxelo-mmiselo</b>	Ukubonelela ngenkxaso yobunobhalani, eyolawulo neenkonzo zoqhagamshelwano.
<b>Uzathuzo</b>	Ukuqinisekisa ukuba umbono, uxanduva imimiselo neenjongo eziphambili yeli Sebe iyaphunyezwa.
<b>Amakhonco</b>	Ukuzayamanisa nenjongo ephambili yephondo yokubumba oyena rhulumente wakha wawulwa ngendlela ehlabathini.

<b>Ummiselo ophambili 2</b>	Ulawulo lwezimali zesebe ngendlela enempumelelo de libe kwinqanab 3+ wokwazi ukuphatha izimali.
<b>Ingxelo-mmiselo</b>	Ukubonelela ngolawulo-mali nezinye iinkonzo ezinxulumene noko; ukumisela imimiselo engephi yeemfuno zohlaliso.
<b>Uzathuzo</b>	Ukucutha amathuba okuba neengxaki ezingekehli, ukuqinisekisa ukusetyenziswa ngobulumko kwezimali, nokuqinisekisa iingxelo zophicotho ezingenachaphaza kanye nozinzo kumasebe.
<b>Amakhonco</b>	Ukuzayamanisa nenjongo ephambili yephondo yokubumba oyena rhulumente wakha walawula ngendlela ehlabathini.

#### INkubo 2

<b>Ummiselo ophambili 3</b>	Ukubakho kwengeniso eyaneleyo, ukuphakanyiswa komgangatho nobuchule bokuqokelelwā kwengeniso oko kusenzelwa amasebe noomasipala ukuze bafikelele kwinqanaba 3+ lokwazi ukuphatha izimali.
<b>Ingxelo-mmiselo</b>	Imithombo yengeniso esebeenza kakuhle kanye nomgaqo-nkqubo wezimali okwanjalo, eza kujongana neemfuno zenkxaso-mali ngaphandle kweziphumo ezinganomekiyo kwezoqoqosh.
<b>Uzathuzo</b>	Inxili yezimali engengako ifuna ukuba urhulumente wephondo noorhulumente beenginqi baqinisekise ukuphakanyiswa komgangatho wokuqokelelwā kwengeniso kuyo yonke imithombo enokufumankea kuyo.
<b>Amakhonco</b>	Ukuzayamanisa nenjongo ephambili yephondo yokubumba oyena rhulumente wakha wawulwa ngendlela ehlabathini.

<b>Ummiselo ophambili 4</b>	Ukubeka iliso nokulinganisa ulawulo lokungena nokuphuma kwezimali ndawonye notyalo-mali oluzinzileyo noluthembakeleyo ukuze kuphuculwe ubonelelo ngeenkonzo kuphuculwe nokuma kakuhle ngokwezimali koomasipala.
<b>Ingxelo-mmiselo</b>	Ukuqinisekisa, ungena nokuphuma kwezimali okuthembakeleyo kune nolawulo lotyalo-mali lwamasebe noomasipala olukwanjalo.
<b>Uzathuzo</b>	Ngokuqinisekisa ukungena nokuphuma kwezimali okusebenza ngempumelelo nangobuchule loo nto iya kuphucula ubonelelo ngenkonzo kanajlo amasebe noomasipala ahlale emi kakuhle ngokwasezimalini.
<b>Amakhonco</b>	Ukuzyamanisa nenjongo ephambili yephondo yokubumba oyena rhulumente wakha walawula ngendlela ehlabathini.

<b>Ummiselo ophambili 5</b>	Uhlahlo Iwabiwo-mali olunenzozo Iwawo wonke amasebe ephondo, oomasipala kune namaqumrhu ukuze kufikelelw kwinqanaba-3+ lokwazi ukuphatha izimali.
<b>Ingxelo-mmiselo</b>	Ukukhuthaza uqulunqwa kohlahlo Iwabiwo-mali lwamasebe, oloomasipala nolwamaqumrhu noluza kubanegalelo kuphuhliso Iweemeko ezithile zentlalo noqoqosho ngohlalutyo Iwezoqoqosho, uqulunqo lomgaqo-nkqubo wezohalahlo Iwabiwo-mali, ulwabiwo lohlahlo Iwabiwo-mali nokubeka iliso kuqhutyo-msebenzi.
<b>Uzathuzo</b>	Uhlahlo Iwabiwo-mali IwePhondo, oloomasipala mamaqumrhu kufuneka ludlale indima ebonakalayo kwezemigaqo-nkqubo ukuze kuhlangatyezwane nemingeni yezentlalo noqoqosho. Ukuvezekiswa kwezinyanzeliso kufuneka kuxhaswe ngolwabiwo lohlahlo Iwabiwo-mali olufanelekileyo. Uhlahlo Iwabiwo-mali olujongene neziphumo ezithile zentlalo noqoqosho kune nezo zinto zingxamisekileyo kurhulumente ndawonye nemimiselo yakhe kune neenkubo zokubeka iliso nokulinganisa ezisebenza ngempumelelo ngenjongo yokubeka iliso kuqhutyo-msebenzi lomgaqo-nkqubo wohlahlo Iwabiwo-mali kune nezicwngciso zibalulekilei ekuqinisekiseni ulwabiwo Iwezincedisi olusebenza ngempumelelo.
<b>Amakhonco</b>	Ukuzyamanisa nenjongo ephambili yephondo yokubumba oyena rhulumente wakha wawulwa ngendlela ehlabathini.

<b>Ummiselo ophambili 6</b>	Uhlahlo Iwabiwo-mali oluthembakeleyoo lwamasebe ephondo, oomasipala kune namaqumrhu ukuze kufikelelw kwinqanaba-3+ lokwazi ukuphatha izimali.
<b>Ingxelo-mmiselo</b>	Uhlahlo Iwabiwo-mali oluzinzileyo, olusebenza ngobuchule, oluqhutya zinjongo nolusungulwa ngokwezicwangciso.
<b>Uzathuzo</b>	Ukuphucula ukuzinza nokuthembakala kohlahlo Iwabiwo-mali IwePhondo, oloomasipala nolwamaqumrhu, ukubeka iliso kusungulo ukuphucula ubuchule, ubungcathu ezimalini nokupahtah imali kakuhle ukuze kuphakanyiswe umgangatho wamandla okubonelela ngeenkonzo amasebe ephondo noomasipala.
<b>Amakhonco</b>	Ukuzyamanisa nenjongo ephambili yephondo yokubumba oyena rhulumente wakha wawulwa ngendlela ehlabathini.

<b>Ummiselo ophambili 7</b>	Ukunyusa ubonelelo ngezincedisi-nkqubela ukuya kwinqanaba 3+ lokuphathwa kwezimali (isebe lemfundo, elempilo, elo thutho nelenkonzo zoluntu kunye noomasipala abathile) nokulawulwa kweprojekthi ngendlela encomekayo.
<b>Ingxelo-mmiselo</b>	Ubonelelo ngezincedisi-msebenzi ngendlela enempumelelo nesebenza ngobuchule nokuphathwa kwempahla engahambi ngaloo ndlela, kubandkanyawa iiprojekthi zePPP ngokusebenzia ezona ndlela zokwenza zifanelekileyo, iinkqubo, izixhobo nokwakhwa kwezakhono.
<b>Uzathuzo</b>	Amasebe noomasipala basasiswele isakhono esimalunga nezakhono, iinkqubo zokuqhube umsebenzi, njnj. Ukuze kufikelewe kolona tyalomali likumgangatho ophezulu kwizincedisi-msebenzi kunye nokuphathwa kakuhle kwempahla engahambisekiyo.
<b>Amakhonco</b>	Ukuzayamanisa nenjongo ephambili yephondo yokubumba oyena rhulumente wakha wawulwa ngendlela ehlabathini.

### INkubo 3

<b>Ummiselo ophambili 8</b>	Ukuphucula amandla esebe noomasipala nokuqhube kwabo umsebenzi ukuze bafikelele kwinqanaba 3+ lokulawulwa kweeSCM nolawulo lwempahla ehambisekayo.
<b>Ingxelo-mmiselo</b>	Ukuncedisa amasebe noomasipala ngokubhekiselel kwiiSCM nempahla ehambisekayo ukuze kwakhiwe izakhono kambe kunyanzeliswe nolawulo olululo, kananjalo ukuze amasebe aphucule ubudlelwane bawo nabathengisi be-BEE neeSMME ukuze kuxhaswe izinyanzeliso zokuthenga ngokukhetha kanjalo kuqunguwe iindeela ezinqamlezayo zokuvumelana ngeekontraki kwiphondo, nkubo leyo eyakuba yinzuso kwezoqoqosho kambe nasezimalini.
<b>Uzathuzo</b>	Ukuqinisekisa ukuba umbono, uxanduva imimiselo neenjongo eziphambili yeli Sebe iyaphunyezwa.
<b>Amakhonco</b>	Ukuzayamanisa nenjongo ephambili yephondo yokubumba oyena rhulumente wakha wawulwa ngendlela ehlabathini.

<b>Ummiselo ophambili 9</b>	Ukulawula, ukusebenzia nokusungula iinkqubo zezimali ukuze kufikelewe kwinqanaba 3+ lokuphathwa kwezimali kumasebe ephondo nakumaqumrhu athile.
<b>Ingxelo-mmiselo</b>	Ukulungiselela ukusungulwa, ukuphathwa nokuba nenqubo yokuxhasa ngezobugcisa (idesika yoncedo noqequesho) ngeenkqubo ezikhoyo zezimali nokufudukela kwinkqubo iFinancial Management Solutions (IFMS) ukuze kuphakanyiswe umgangatho wokuthotyelwa kwemiqathango ye-PFMA kunye neyeminye imithetho enxulumene noko.
<b>Uzathuzo</b>	Lo mmiselo uya kuba negalelo ekuphathweni kwezimali ngendlela eyiyo, kubasebenzisi beenqubo abanezakhono namandla okwenza umsebenzi nabahobela iimfuno zabasebenzisi.
<b>Amakhonco</b>	Ukuzayamanisa nenjongo ephambili yephondo yokubumba oyena rhulumente wakha wawulwa ngendlela ehlabathini.

## INkqubo 4

<b>Ummiselo ophambili 10</b>	Ukuqinisekisa ukuqulunqwa kweendlela zoxelo-mali kwiphondo noomasipala eziya kakhuthaza ukusebenza ngempumelelo nangobuchule xa kuqokelewa iinkcukacha negempahla eyipropati kambe kubekho igaleeo keufikeleleni inqanaba 3 kunye nemibutho ephicotheka nangakumbi.
<b>Ingxelo-mmiselo</b>	Ukuseka isicwangciso soxelo-mali esisebenza kakuhle nesisemgangathweni ukuze kubekho ukwamkela uxanduva, ukungafihli nolawulo olululo.
<b>Uzathuzo</b>	Uluphucula intsulungeko nokuthembakala koxelo-mali nokwenza iingxelo ngendlela ezibonakalisa ngokupheleleyo ezo zinto zenziweyo kunye namaxabiso nobungakanani kwayo yonke imphala karhulumente.
<b>Amakhonco</b>	Ukuzayamanisa nenjongo ephambili yephondo yokubumba oyena rhulumente wakha wawulwa ngendlela ehlabathini.
<b>Ummiselo ophambili 11</b>	Ukwenza ukuba oomasipala bafikelel kwinqanaba 3+lokupathwa kwezimali ngendlela kwiminyaka emi- ezayo.
<b>Ingxelo-mmiselo</b>	Ukuqulunqa, ukusungula nokubeka iliso ekuthotyelweni kwemimiselo nemigqaliselo yolawulo olululo koorhulumente beengingqi nakoohulumente bamaphondo.
<b>Uzathuzo</b>	Ngokwecandelo 18 lePFMA necandelo 5 leMFMA iCandelo loLawulo-mali lePhondo kufuneka limisele imimiselo nemigqaliselo yokupathwa kwezimali, kwaye lingancedisa ngokusungulwa kwezo zinto ngaloo ndlela kuphuculwe uksuetyenziswa kweziniedisi zoqoqosho ngendlela enobuchule.
<b>Amakhonco</b>	Ukuzayamanisa nenjongo ephambili yephondo yokubumba oyena rhulumente wakha wawulwa ngendlela ehlabathini.

### 1.4 Inkazo yenqubo yocwangciso-qhingga

Njengokuba kubhekiswa kuyo kuxwebhu lweSP inkqubo yesicwangciso-qhingga socwangciso lwexesha leminyaka emihlanu(nesekusele iminyaka emine yayo), ekusebenza kwayo kuphantsi kovavanyo olwenziwa qho ngekota nangonyaka. Ezinye iinjongo zesicwangciso-qhingga nezalathisi zokwenziwayo beziyimfuneko, zisekelwe kuhlaziyo lwendlela ekusetyenzwe ngayo ngo-2010/11kunye neenguqu kwezisingqongileyo, equgulwe ngelixa lolungiselelo noqulunqolweSicwangciso soKusebenza soNyaka kwaye siza kufumaneka kwiwebhusayidi ye Provincial Treasury's website <http://www.capecagateway.gov.za> ukususela ngoMatshi 2011.

Eyona njongo ingundoqo yesicwangciso-qhingga (apho inokusetyenziswa) neyayanyaniswa nemisebenzi ephambili ichazwe kumbhalo olapha ngezantsi.

Imali enganelanga negodliwego ekhoyo idinga oorhulumente basekhaya, bephondo nabakazwelonek baqinisekise ukusetyenziswa ngokupheleleyo, noqokelelo kakuhle nangokugqibeleyo kwayo yonke imithombo yengeniso, equka ukuqinisekisa uphuhliso olusebenzayo nolunobuchule bamajelo azinzileyo engeniso.

Ngale ndlela, iyunithi yoMgaqo-nkqubo weZimali iza kuvelisa izixhobo zokuqokelela ingeniso ngokulungileyo ngokwenza uphando ngokuqokelela ingeniso kurhulumente wephondo nowasekhaya. liprojekhthi ezizodwa oza kuqalisela kuzo umgaqo-nkqubo wemali ziQuka ukuhlaziya kwemodeli yenqxaso ngemali yephondo, uhlaziyo lwestixokelelwano sokudlulisa imali, kunikwa ingqalelo eyodwa kwizibonelelo zemeko ezithile nokuqhubekeka ngophando lwemithombo emitsha nekhoyo yengeniso. Phakathi kwezi, kukho uhlaziyo kwerhafu yekhasino engabandakanywayo kunye nezinye iirhafu.

Umgqaliselo uza kuba sekuphuculen amalungiselelo olawulo lokuhamba kwemali nokuba nemali yokuhlawula amatyala ePhondweni nakumasipala, matyala lawo azinzieleyo nathembekileyo nancedisa ekuphuculen unikezelo lweenkonzo kumaziko. Iiyunithi ezilawula uqingqo-mali ziza kukhuthaza uphuhliso loqingqo-mali oluphendulayo lwamasebe, umasipala namaqumrhu ancedisa ekuphuculen iziphumo ezikhethiweyo zentlalo noqoqosho ngohlalutyo loqoqosho nolunye uhlaziyo eziza kwazisa uyilo noqingqo-mali, uqulungqo lomgaqo-nkqubo woqingqo-mali nokubeka esweni ukusebenza kwazo. Uqingqo-mqli olujongene neziphumo ezithile zentlalo noqoqosho nezinto ezibekwe phambili neenjongo zikarhulumente kunye neenkubo ezisebenzayo zeM&E zokumisa kakuhle ukusebenza komgaqo-nkqubo woqingqo-mali kunye nezicwangciso zibalulekile ekuqinisekiseni ulwabiwo olusebenzayo lwezincedisi. Kwakhona, ukufikelela kumgangatho 3+ womlinganiselo wokuba nako ngokwezimali kuquka umgqaliselo owomeleza amakhonkco phakathi koqingqo-mali nezicwangciso.

Kwicala lephondo, iinzame zeyunithi yeOfisi yoHlahlo-mali lweephondo ziya kuxhotyiselwa ukupinisekisa ulungelewaniso phakathi kvezinto ezibekwe phambili, ulwabiwo lohhlo-mali nokusetyenziswa kolo hhlo-mali. Izinto ezsientloko ezinikezelwa yile yunithi lushicilelo lwe-Provincial Economic Review and Outlook (PER&O) kanye ngonyaka, ukulungelelanisa ingxelo yomgaqo-nkqubo wexesha eliphakathi lePhondo leNtshona Koloni (i-WCMTBPS) kunye noHlalutyo loHlahlo-mali lweNgeniso neNkcitho yePhondo. IOfisi yoHlaho-mali kamasipala iza kwenza uvavanyo ngokuphendula kwentlalo noqoqosho lwezicwangciso zohlahlo-mali lukamasipala ze lunike iziphakamiso ukuphcula impembelelo kamasipala kubahlali kunye nokuhloloka nokuvavanya ukusetyenziswa kohlahlo-mali lukamasipala ukuphumeza iinjongo ezamiswa ngenx'engaphambili. Ukongeza, umzobo wentlalo noQoqosho loomasipala uza kuphcula nangakumbi, kuqukwu neenjame zokuncedisa oomasipala ngokwakha izakhono ezifunekayo ukuphumeza izicwangciso nemigangatho yokuqulungqa uhlahlo-mali ngokwabelana ngolwazi nangoqequesho.

Iiyunithi zezimali zoLuntu ziza kugqalisela ekuphuculen ulawulo lwenkcitho ngakumbi uzinzo nokuthembeka kwephondo, umasipala namaqumrhu oqingqo-mali. Imisebenzi eziintloko iquka uhlolo lokusetyenziswa lolu qingqo-mali ukwandisa impumelelo, ubulumko ngokwezimali noluleko ngemali ukuze kuphakanyiswe isakhono samasebe amaphondo noomasipala ukuba banike iinkonzo ezikumlinganiselo womgangatho 3+ ngokolawulo lwezimali. Ukubeka esweni

nokulawulwa kwenkcitho kuza kuphucula unxano lwethu lwearhente yeenguqu ukuphumeza uqingqo-mali oluzinzileyo, olusebenzisekayo, oluqhutywa ngeenjongo, noluphunyezwa ngokwezicwangciso. IYunithi kaRhulumente waseKhaya iza kuntsonkothisa iinkqubo zokuzibandakanya kwelGR ze kuqhubeke nokuqhubq ukusetyenziswa nangakumbi uMthetho, kaRhulumente waseKhaya: woLawulo lweZimali kuMasipala ka2003 (uMthetho56 ka-2003) (iLocal Government: UmThetho wokuPhathwa kweeMali zooMasipala, 2003 (UmThetho 56 ka-2003).

Iyunithi yeziseko iza kugqalisela ekwandiseni umgangatho wonikezelo lweZiseko ePhondweni luye kufikelela kumgangatho 3+ womlinganiselo wokuba nako ngokwezimali noza kuquka uphuhliso nokugcina isicwangciso-qhinga seZiseko zePhondo ngokuhlanganyela namasebe achaphazelekayo. Umgqaliselo wale yunithi uza kuba lupuhliso nogcino lobume obungcono bokusebenza ukufumana iziseko, ezilungeleleneyo neziphakamiso neenguqu zakamvanje zeBhodi yoPhuhliso loRhwebo loKwakha (iConstruction Industry Development Board (CIDB) kwindawo zamaziko nokuncedisa ngophuhliso lweZicwangciso zeziseko zephondo. Uqingqo-mali lweZiseko Nezicwangciso zoLawulo lweeAsethi zabasebenizi (iU-AMP) noLawulo lweeAsethi zabanikazi (IC-AMP) ziza kuvavanywa, ngelixa ukubeka esweni nokuphuculwa kwemali echithwa kwiziseko zala masebe anyuliweyo(eleMfundu, eleZempilo, eloThutho (kuquka neendlela) neleZemisebenzi neleZendalo (iCapeNature)) nokugqwesa ekuphuculen iinkqubo zonikezelo ngeziseko kula masebe kuza kuba ngumgqaliselo ka-2011 MTEF.

Ulawulo lweeAsethi eziphathekayo uza kuqhube, uvavanya ukwancedisa amasebe ukuba alawule iiasethi eziphathekayo namakhonco onikezelo ngendlela esebezayo neyanelisayo ngokwemigqaliselo yePFMA. Ngokwenza uvavanyo lwemijikelo eziphindaphindayo, kuza kukhangela imizamo yokulungisa isetyenziswe. Ngokolawulo lwamakhonco onikezelo, inkxaso kumasebe ephondo iquka uqequesho, uncediso nokhokelo ukuphucula iSCM neenkqubo zolawulo lweeasethi eziphathekayo. Unikezelo luquka uphuhliso lweenqobo eziphambili nezikhokelo ngokwezixokelelwano ezhilungisiweyo zamaGosa oCalulo-zimali nemiyalelo yeOfisi leMali lePhondo okanye nezinye iinzame ngokucamgcwa lisebe lowiso-mthetho ukukhawulezisa nokuhamisa kakuhle amaqumrhu aphendulayo eSCM ukunika iinkonzo kumasebe azidingayo. Ezinye iindawo ekugqaliselwa kuzo ziza kuquka iinzame zophuhliso lwabanikezel ngokunika izakhono kwimalike yabanikezel; kuqinisekisa ubulungisa kwidata nokwenza izinto elubala kwezixokelelwano zeSCM; ukuqinisekisa iinzame zokuthenga okulungileyo nokuthenga kakhulu kulondolozwa kananjalo ngokuqhutywa kakuhle nokwenza amalungiselelo amaphepha-mvume anqamlezayo ngempahla neenkonzo ezidingwa liphondo.

Inkxaso efanayo iza kunikezelwa koomasipala. Ukongeza iinqobo nezikhokelo eziphambili ziza kuphuhliswa ukukhawulezisa nokumisa kakuhle amaqumrhu aphendulayo eSCM ukunika inkonzo kwizidingo zikamasipala; kukhuthaza ulawulo olululo ngokuhambelayo nomgaqo-nkqubo weSCM nommiselo nokuphanda nasiphi

isixokelelwano solawulo okanye ulawulo lwezimali ngokwemigaqo yeSCM nokuqinisekisa ubulungisa bedata nokwenziwa phandle kwizixokelelwano zeSCM.

Iyunithi yeziyokelelwano ezincedisayo nezithungeleneyo zezimali inenjongo zokuphucula ulawulo Iwesixokelelwano sezimali siye kumgangatho 3+ womlinganiselo wezakhono ngokuqinisekisa ukuba abasebenzisi besi sixokelelwano baqeqlieshiwe ngokungqinelanayo nomzobo wesixokelelwano sabo nokuba ulawulo lomsebenzisi weakhawunti ugciniwe, Olunye uphuhliso loqeqliesho kwiOfisi yeMali yePhondo kuza kuhuthaza ukusetyenziswa kweziyokelelwano ngokuchanekileyo nangokuzeleyo nobunyani bedata.

Ukongeza, le yunithi iza kuqhuba ikufumana nokusebenzia isixokelelwano solawulo Iwekhonko lonikezel, intelekelelo yeendleko, ukubiza ixabiso nolawulo Iwamaphepha-mvume nolungalungiselelwanga kwezi zixokelelwano zezimali zikhoyo ngokwangoku nezithobela imfuno zengxelo yomsebenzisi kweli phondo nonikezel nosetyenziso lokusebenza okuphuculwego kweLOGIS.

Injongo ephambili yeyunithi yocwangciso-mali lukarhulumente wasekhaya kukunikezela imigangatho yeendlela ezintsha eziunyiweyo jikelele zocwangciso-mali (iGRAP)nokubeka esweni ukusebenza kwamagatya enguqulelo koomasipala baseNtshona Koloni. Ukongeza, le yunithi iza kuhlaziya izixokelelwano zocwangciso-mali neenkubo zikamasipala ukuphucula nobunyani bedata yezimali kunye nokuba nako nokuqesha abasebenzi becadelo locwangciso-mali kwiifisi zeCFO.

Injongo ephambili yocwangciso-mali lukarhulumente wephondo nowasekhaya kukunikezela ngobume bomgaqo-nkubo wocwangciso-mali ukuze usetyenziswe ngokuchanekileyo nangokuzeleyo ngawo onke amasebe, amaqumrhu noomasipala (njengokufaneleyo) ngelixa kuhlaziya ucwangciso-mali neenkubo ezayanyaniswa nalo ukuphucula ubulungisa nokubhengeza ngokuzeleyo kwenkcazel yezezimali. Oku kungaphunyeza ngovavanyo oluqhube kayo noluxhaswa ngamalungiselelo novavanyo Iweengxelo zexeshana nezonyaka zezimali. Ezinye iindawo ezigqaliselwayo ziza kuhambelana nokuba nako kunye nokuqeshwa kwabasebenzi kumacandelo ocwangciso-mali kwiifisi zeCFO noshicilelo IweeNgxelo zoNyaka eziManiyo zeZimali zePhondo. Ukuphuhliswa komgqaliselokhankanyiweyo uza kufezekiswa ngoqeqliesho kumgangatho wesebe nokamasipala.

Injongo yeyunithi yolawulo Iwequmrhu kukuqhoba iiOfisi zeCFO zesebe nezikamasipala ukuba zisebenze kumgangatho 3 womlinganiselo wokukhula ngokwezimali nokuphuhlisa kumiswa kakuhle ukusebenza kobume obuqiniusikisiweyo obusebenzayo ukuze kufyanwe lo mgangatho wokusebenza. Le yunithi iza kugqalisela kuphuhliso nasekusebenzeni kobume bokuvavanya iiofisi zeCFO kumasebe nakoomasipala ngokwayameneyo namaqumrhu nokuba nako kunye nokuthobela ubume obuhambelanayo, Ukongeza le yunithi iza kubeka esweni ukusebenza kwamaqumrhu olawulo Iwezimali kumasebe nakoomasipala ze inike uncedo noqoqosho apho kudingekayo.

## 1.5 Ulungiso kuwiso-mthetho namanye amagunya

Ululu oluzeleyo lwemithetho njengokunikwa kwicandelo 4 loYilo lweSicwangciso-qhingga luhleli lufanelekile nangona kukho iinjongo kuzwelonke zokulungisa imimiselo enikiweyo phantsi kwemithetho yolawulo lweZimali zoLuntu neyoBume bomGaqnqubo wokuFumana (iPublic Finance Management and Preferential Procurement Policy Framework acts), yomibini le mithetho ithetha ukuphucula ukusebenza kwale mithetho mibini. Ukongeza iBhili eLungisiweyo yamaTyala oMbuso (iState Liability Amendment Bill) ithiwe thaca ePalamente, iinjongo zayo ikukulungisa uMthetho wamaTyala oMbuso (iState Liability Act,) sika-1957, ukuze kulungelelaniswe indlela yokunika umyalelo wokugqibela wenkundla wemali kuMbuso yaneliswe nokunikezela imiba eyayamene noko.

Ephondweni iBhili yokuFumana(Umdla waBasebenzi woShishino) sele yamkelwe yiNkulumbuso neOfisi yeMali ePhondweni ngokuhlanganyela neSebe leNkulumbuso ikwinqanaba lokuqukumbelq imimiselo exhasayo.

Ukulungiswa ngokupheleleyo lwemiyalelo yolawulo lwekhonkco ionikezelo kwiOfisi yeMali ePhondweni sele kusendleleni nomhla wokuwubhengeza ubekelwe ekupheleni kwekota yokuqala ka-2011/12. Umsebenzi othe vetshe ngokuhlanganyela neOfisi yeMali kuZwelonke nayo iyacingelwa ukuba iwandise ummiselo ohambelana nolawulo ionikezelo kune nokusetyenziswa kwamagatya oMgaqosiseko wePhondo ngokusebenzayo.

## 2. Ingxelo ngohlahlo lwabiwo-mali luka-2011 noqikelelo lwe-MTEF

### 2.1 Uqikelelo Iwenkcitho

#### Itheyibhuli 1 UnoNdyebo wePhondo

Inkqubo R'000	Isiphumo			Olona Lwabiwo			Uhlaziyo Iwethuba eliphakathi			
	Phicothi- weyo	Phicothi- weyo	Phicothi- weyo				Inguqu kuqikelelo oluhlaziyi- weyo ngokwe-%			
	2007/08	2008/09	2009/10	2010/11	2010/11	2010/11	2011/12	2010/11	2012/13	2013/14
1. Ulawulo <sup>a</sup>	33 447	40 141	39 359	39 390	35 296	35 296	36 187	2.52	38 305	41 131
2. ICandelo leMpatho engaTshitshiyo yeziNcedisi	21 540	21 346	36 531	47 263	41 708	41 708	59 363	42.33	61 141	65 105
3. ICandelo loLawulo IweeAseti namaTyala	21 707	22 348	27 526	33 125	34 904	34 904	28 781	( 17.54)	31 804	33 522
4. uLawulo IweziMali	38 430	37 115	34 955	40 692	19 596	19 596	20 645	5.35	22 106	23 697
<b>Intlawulo zizonke kune noqikelelo</b>	<b>115 124</b>	<b>120 950</b>	<b>138 371</b>	<b>160 470</b>	<b>131 504</b>	<b>131 504</b>	<b>144 976</b>	<b>10.24</b>	<b>153 356</b>	<b>163 455</b>

<sup>a</sup> Umvuzo womPhathiswa uwonke R1,491,514 ukususela kumhla woku-1 kuApreli 2010.

Inqaku:

liNkonzo zekomkhulu zadluliselwa kwiSebe leNkulumbuso njengenxalenyen yenkqubo yohlaziyo ngowama-2010/11.

UNondyebo wePhondo akanacandelo lophicotho Iwangaphakathi elisecaleni kwaye usebenzisa icandelwana lophicotho lephondo nelikwiSebe leNkulumbuso.

Uhlalutyo Iwezoqoqosho kungoku nje ludityaniselwe kuLawulo loHlahlo Lwabiwo-mali: URhulumente wePhondo.

Ulawulo Iwamatyala Iususiwe kwiNkqubo 3: IMpahla namaTyala Iwasiwa kwicandelo loMgaqq-Nkqubo weNxili likaRhulumente phantsi kweNkqubo 2: ICandelo leMpatho engaTshitshiyo yeziNcedisi.

ULawulo IweMingcipheko kungoku nje luphantsi kweMimiselo nemMigqaliselo.

Uhlelo ngokwezoqoqosho R'000	Isiphumo			Olona Lwabiwo			Uhlaziyo Iwethuba eliphakathi			
	Phicothi- weyo	Phicothi- weyo	Phicothi- weyo				Inguqu kuqikelelo oluahlaziyi- weyo ngokwe-%			
	2007/08	2008/09	2009/10	2010/11	2010/11	2010/11	2011/12	2010/11	2012/13	2013/14
<b>lntlawulo zangoku</b>	112 659	118 105	134 643	157 840	128 612	128 612	141 559	10.07	149 827	159 697
Imbuyekezo abasebenzi	60 231	71 482	93 902	111 309	92 082	92 082	106 534	15.69	113 010	120 023
Impahla neenkonzo	52 428	46 623	40 741	46 531	36 530	36 530	35 025	( 4.12)	36 817	39 674
<b>Eziduliselwayo neesabsidi</b>	1 414	267	419	430	630	630	500	( 20.63)	529	658
Amaphondo noomasipala		80								
liarhente zamasebe Nee-akhawunti		252								
Amaziko angenziprofiti		50	100							
Amakhaya	1 162	137	319	430	630	630	500	( 20.63)	529	658
<b>lntlawulo zee-aseti ezinkulu</b>	1 030	2 541	3 106	2 200	2 214	2 214	2 917	31.75	3 000	3 100
Omatshini nezixhobo linkqubo zekhompyuta nezinye impahla ezingabonakaliyo	1 030	2 541	2 153	2 200	2 214	2 214	2 917	31.75	3 000	3 100
953										
<b>lntlawulo zee-aseti eziyimali</b>	21	37	203		48	48		( 100.00)		
<b>Ukuhlelwa kwezoqoqosho kukonke</b>	115 124	120 950	138 371	160 470	131 504	131 504	144 976	10.24	153 356	163

## 2.2 Ukwanyaniswa kweendlela zokuchitha imali neenjongo eziphambili

Ukusukela kowama-2007 inani labasebenzi becandelo likaNondyebo wePhondo liye lathi chu ukunyuka oku ukusuka kuma-245 ukuya kuma-314 nto leyo iye yaba nesiphumo sokunyuka ngeavareji ezipesenti ezi-4.5 kuhlahlo lwabiwo-mali okanye ngezigidi ezi-R16.380 ukusuka kwezi-R115.124 ngowama 2007/08 ukuya kwezi-R131.504 ngowama-2010/11 (uqikelelo oluahlaziyiweyo).

Iavareji yokukhula ngonyaka kwixesha elizayo ezpesenti ezi-7.5 kwinani loqikelelo oluahlaziyiweyo elizizigidi ezi-R131.504 ngowama-2010/11 ukuya kwinani lonyaka wama-2013/14 elizizigidi ezi-R163.455 ibe ngenxa kwinkxasomali eyongeziweyo efunyanelwe uphicotho loqhutyo-msebenzi IweAGSA, urhafiso nokuqokelelwa kwengeniso phantsi kweNkqubo 2, ukuphuculwa kweendlela zokubeka iliso nokomelelza koxanduva IweMFMA ngokuhambelana nemimiselo ephambili eli-11 yecandelo likaNondyebo.



## ISIGABA B: IZICWANGCISO ZEENKQUBO NEZEENKQUTYANA

Inkqubo	Inkqutyanā
1. ICandelo loLawulo	1.1 I-Ofisi yomPhathiswa 1.2 linkonzo zolawulo 1.3 Ulawulo lweZimali
2. ICandelo leMpatho engaTshitshiyo yeziNcedisi	2.1 Inkqubo yenkxaso 2.2 Umgaqo-nkqubo wezimali 2.3 Ulawulo lohlahlo lwabiwo-mali 2.4 limali zoluNtu
3. Impahla namatyala	3.1 Inkqubo yenkxaso 3.2 Ulawulo lwee-aseti 3.3 linkqubo ezinxibeelanayo neekqubo zezimali
4. UNondyebo wePhondo	4.1 Inkqubo yenkxaso 4.2 linkonzo zeengxelo 4.3 Ulawulo olululo lweSebe

### 3. Inkqubo 1 - Ulawulo

#### Inkcazo yeNkqubo

Ukukhomba indlela nokubonelela ngeenkqubo zolawulo-mali ezsengangathweni kunye nezinye iinkqubo zokuxhasa umPhathiswa kunye neNtloko yeSebe.

#### Ubume beNkqubo

Inkqubo iphindē yahlulahlulwa yaba zezinkqutyanā zilandelayo:

#### Inkqutyanā 1.1: I-Ofisi yomPhathiswa

Injongo: Ukuncedisa ilungu leKhabhinethi yePhondo ngemisebenzi eliyinikwe ngumthetho kunye/okanye yiNkulumbuso.

I-Ofisi yoMphathiswa ibonelela ngeenkonzo zobunobhalani, ezolawulo ngenjongo yokunceda umPhathiswa ekuqhubeni umsebenzi wakhe njengelungu lesigqeba solawulo nanjengommeli woluntu okhethwe ngokusesikweni. Oku kubandakanya ukudalwa kobudlelwane namajelo eendaba kunye nabanye ababandakanyekayo eburhulumenteni kunye noluntu ngokubanzi. I-Ofisi yoMphathiswa ikwanoxanduva lokuncedisa kuloo misebenzi iyinikwenguNondyebo wePhondo neSebe lezoPhuhiso loQoqosho noKhenketho.

### **Inkqutyan 1.2: linkonzo zolawulo**

Injongo: Ukuncedisa intloko yesebe ekwenzeni imisebenzi eyinikwe yindlu yowiso-mthetho okanye lacandelo loMphathiswa.

I-Ofisi yeNtloko yesiGqeba ibonelela isebe lilonke ngenxaso ephambili, kubandakanya ubunobhalani kunye nezinye iinkonzo zenkxaso. Oku kubandakanya uqhagamshelwano lwangaphakathi kunye neenkonzo ze-websayithi, iinkonzo zeziko lengcaciso kunye nokuququzelelwa kwezelawulo, oko kusenzelwa iSebe. Icandelo elongezwe kwiinkonzo zolawulo (Management Services) lelo leenkonzo zobudlelwane phakathi kweenkonzo zekomkhulu (Corporate Services Relations Management) lona lijongene namasebe ali-11-kwiinkonzo zemicimbi yoluntu, lona liphantsi kweSebe leNkulumbuso.

### **Inkqutyan 1.3: Ulawulo IweZimali**

Injongo: Ulawulo IweZimali zesebe olunempumelelo ukuya kwinqanaba 3+ lomlinganiselo wokusetyenziswa kwezimali nokubonelela ngeemfuno zokuhlaliswa neenkonzo zenkxaso.

Le nkqutyan iqhutywa liGosa eliyiNtloko yeZimali neliqeshwa ngoweSahluko 2 semiGaqo yeCandelo loLawulo-mali zeSizwe kwaye lisebenza ngqo phantsi kweGosa leeNgxelo. Imisebenzi ephambili inatyiselwe kumacandelo amahlau.

Icandelo leeNgxelo zoLawulo lijongene nokuqulunqwa kohlalho Iwabiwo-mali nohlalho Iwabiwo-mali olulungelelanisiweyo, iingxelo zoqhutyo-msebenzi zekota nezonyaka, nokubeka iliso nokulawulwa kwenkciho.

Icandelo leeNgxelo zeZimali lijongene nokusingatha inkqubo yeentlawulo enempumelelo, ukuqulunqa iingxelo-mali zonyaka nokugcina ii-akhawunti zeleja zeSebe.

Icandelo loLawulo loNxibelewano IweenKonzo lisingatha umsebenzi wokubonelela ngovimba weenkukacha zeli candeloo (SCM) nokuqulunqa loo vimba ngokunjalo, ukugcina impahla ikwimo efanelekileyo nokuyikhuela ngokunjalo nokubonelela ngenxaso ngokubhekiselele ekuthengweni kwempahla neenkonzo.

Icandelo lolawulo lwangaphakathi kufuneka liqinisekise ukusebenza ngempumelelo kwamanyathelo olawulo lwangaphakathi kulo lonke isebe, ngakumbi kwiindawo ezisemngciphekweni kakhuu kanamjalo liqinisekise ukuthintelwa kophicotho olungancomekiyo lwangaphakathi nolwangaphandle.

Icandelo leeNkonzo eziNcedisayo liphantsi kwe-CFO, yona ibandakanya iofisi yobhaliso, iinqwelo zaseburhulumenteni, iinkonzo zefowuni, iinkonzo zemifanekiso, ezabathunywa nezokunedisa ngokutya. Kulindeleke ukuba inxalenye enkulu yezi nkondo ziguqulelwe kwiNkqubo 2 ukuze zibe yinxalenye yecandelo lamaxwebu nolawulo lwengcaciso elicetywaukusungulwa kulo nyaka-mali.

## Inkqutyanan 1.1: I-Ofisi yomPhathiswa

### Injongo ephambili: Imimiselo yonyaka

Injongo ephambili:	Uqhutyo-msebenzi oluphicothiweyo/oluphunye-ziwego			Uqhutyo-msebenzi oluqikelelwayo 2010/11	Uhlaziyo lwethuba eliphakathi			
	2007/08	2008/09	2009/10		2011/12	2012/13	2013/14	
1.	Ukubonelela ngeenkonzo zenkxaso	Injongo ephambili ehlazi-yiweyo	Injongo ephambili ehlazi-yiweyo	Injongo ephambili ehlazi-yiweyo	Ukusebenza imbalelwano ngendlela enempumelelo nenobuchule kanye nokupathwa kwenkqubo ngendlela enempumelelo	Ukuphucula iinkonzo zenkxaso	Uku-baneenkonzo zenkxaso	Uku-baneenkonzo zenkxaso
2.	Ukubonelela icandelo lomPhathiswa ngeenkonzo zoqhaga-mshelwano	Injongo ephambili ehlazi-yiweyo	Injongo ephambili ehlazi-yiweyo	Injongo ephambili ehlazi-yiweyo	Ukuphucula ubudlelwane namajelo eendaba	Ukuphucula ubudlelwane namajelo eendaba	Ukuba nobudlelwane obububo namajelo eendaba	Ukuba nobudlelwane obububo namajelo eendaba
3.	Ukuncedisa uMphathiswa ngomsebenzi wobulawuli noxanduva lwaloo msebenzi	Injongo ephambili ehlazi-yiweyo	Injongo ephambili ehlazi-yiweyo	Injongo ephambili ehlazi-yiweyo	Ukumisela nokuba-nolawulo olululo nokunika abasemagunya inkxaso ukuze babe nokuqhuba umsebenzi wabo	Ukuphucula ulawulo oluphambili kunye neenkonzo zenkxaso ukuze abasezintanjeni babe nokusebenzia amagunya nemsebenzi abayinikwe yiNkulumbuso	Ukuba nolawulo oluphambili kunye neenkonzo zenkxaso ukuze abasezintanjeni babe nokusebenzia amagunya nemsebenzi abayinikwe yiNkulumbuso	Ukuba nolawulo oluphambili kunye neenkonzo zenkxaso ukuze abasezintanjeni babe nokusebenzia amagunya nemsebenzi abayinikwe yiNkulumbuso

### Iimpawu zoqhutyo-msebenzi: Imimiselo yonyaka

Uphawu loqhutyo-msebenzi weNkqubo	Uqhutyo-msebenzi oluphicothiweyo/oluphunye-ziwego			Uqhutyo-msebenzi oluqikelelwayo 2010/11	Uhlaziyo lwethuba eliphakathi		
	2007/08	2008/09	2009/10		2011/12	2012/13	2013/14
